# IMVO ZABANTSUNDU

*Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the colony and the Territories.*

***IXABISO*** 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, JULY 27,1887. [No. 142

## QONDANI!

*Umnikelo wamaphekepheke wo 1887-88.*

UMZI ontsundu omele umandla wase Qonce uyatyelwa ukuba

### Irafu Yamaphekepheke

yonyaka oqala ngo 1 JULY, 1887, opela ngo 30 JUNE, 1888, iyakuqala ukwamkelwa ngo 1 JULY, 1887.

Umteto ubavumele abantu ukuba ba- hlaule ngokutanda kwabo de kube ngumhla we 29 SEPTEMBER, 1887. Abayihlaule ngapambi ko 29 September bamelwe Li- shumi Lesheleni ngendlu. Kwakona ngalo eloxesha abalunge e Xesi mabahlaule ku Mr. KING, abalunge ku Qoboqobo ku Mr. VERITY, abalunge e Tamara ku Mr. DICK.

Emva ko 29 September eyakuba ingahla. ulwanga iyaku nikelwa ku MAGQWETA ukuba ayibute. Ayakuti ke ubani oyakuba engabhatalanga de kwayileyomini amelwe kuhlaula Ishumi elo lesheleni, selinetole elizisheleni ezimbini, kwanendleko yama. gqweta ngendlu nganye. Impahla iyakuti. njwa itengiswe. Yonke ke lonto iyakudala indleko.

Akunguwo umnqweno ka Rulumeni uku- timba impahla yabantu, mhlaimbi ukuba- nyanzela ukuba babhatale imali engapezu kweshumi lesheleni ngendlu. Kodwa ukuba abantu abavumi ukuyihlaula IMALI YA- MAPHEKEPHEKE ise lixesha, ukuba ba- yadukisa, akuko nto yimbi enokwenziwa ngapandle kokuba ibizwe ngokugadalala.

Ndinga ke abantu bangabonisa ukuba banayo intelekelelo, nokuba kulilungelo labo ukuba balihlaule Ishumi Lesheleni nge- ndlu ngapambi kosuku Iwa 29 September, endaweni yokuba bamelwe kuhlaule ne yesohlwayo kwanendleko yamagqweta; iti- njwe impahla yabo itengiswe ngento enge- yakolonto kuba besuke bakunyabela uku- hlaula ngapambi ko 29 September.

Landelani icebo elilungileyo xa nilinikwe ise lixesha.

W. B. CHALMERS,
Umantyi. Civil Commissioner's Office,
King Williamstown, 1 June, 1887.

## ISAZISO ESIKULU.

### Amayeza ka (Nogqala) Jesse Shaw.

BONKE abantu aba kwindawo ezingena Magosa am bowatunyelwa onke amayeza nge Posi xa bebhalele kum batumela *izi* tampo nokuba yi mali ehamba ngepepa 1-posi (P.0.0.) Imali yawo yi 3/6 lilinye, ngapaandle ko *Mpilisi Wenene* (Sure Cure) oyi 8/6 ukuba imali tunyelweyo igqitile yo buyiswa namayeza.

JESSE SHAW,
Igcisa Lemiciza.
The Laboratory, Fort Beaufort.

### Isaziso se Gqweta.

UMAKISI, elinye u GQADUSHE awabantu abantsundu, elise Ngesi MAX KAYSER uyazisa ukuba uquba umsebenzi wokubuta amatyala, izikweliti zentlobo zonke. Umela namatyala ezi ofisini ze mantyi apo afunwe kona. Unesiqiniselo sake sakwa Rulumente se 1874 (General Commission and Enrolled Agent, Collector of Debts, and Practitioner in Magistrates' Courts), I Ofisi yake ise Mbulu kwa Mr ARNOLT. Umrumo wale misebenzi utabata ne mpahla (Stock) ngexabiso layo lase malikeni nxa imali ingeko.

MAX KAYSER, Enrolled Agent.
Mbulu, 14 May, 1887.

### KO-TITSHALA.

EBHAYI kwisi kolo ease Rabe (Inde- pendent) kufunwa Ititshala enesi Qiniselo— Esimilo silungileyo nenoku zixela ndawo eyaka yakuzo kubuziswe kuzo ngayo. Oyifunayo le ndawo makabhalele ku REV. JAMES PRITCHARD.
Port Elizabeth.

### Isaziso ku Mamfengu.

LO ugama lisekele esi sa- ziso, uvakalisa ukuba ngelixa loku ceba lizayo, ulungiselele ukuba anike elona nani longamele amanye ngo Boya.

Impahla kanjako iyakute- ngwa ngemalana encinane xa sukuba umntu eze eyipeti imali kuzo zonke ivenkile zake kwela Mamfengu. Kwakona utengisa: Ingxowa ezi 2,000 Zombona nge 4/, kuse kwi 5/ imali ngengxowa.

THOS. MORIARTY.
5 August, 1886.

God save our gra - cious Queen, Long live our no - ble Queen, God save the Queen!

# DYER AND DYER

Kulevenkile i Jubhili YOMNTAN' OMHLE INKOSAZANA Iyaku kunjulwa. Woti ngalenyanga ka JUNE otenge kwi- Venkile yetu ye Ngubo impahla exabiso liyiponti abuye Ayinikwe I 2s. 6d. Into yonke eyimpahla

## NENTSHA ATOTYIWE AMANANI

## NKOSI SINDISA UKUMKANIKAZI!

### KWIZI HLOBO ZAM EZINTSUNDU

## J. E. L. KULLING,

### *ONYANGA NGEMITI YASE KOLONI*

NEW STREET, E-RINI.

UMISELWE ngoku kodwa uku Nyanga ngemifuno yeli lizwe zonke izifo ezi yelele kwi Hashi Elingwevu kumadoda naku mankazana nokuba umntu usulelwe nokuba site kanti sise gazini; nokuba umntu sele likakasholo uyapila. Ngokukodwa i Gazi nofele— xa umntu ebehliwe lihashe elingwevu nokuba sesinye isifo.

Oka Kulling Umpilisi wenene wezifo zonke eziba se Lufeleni, ibotile elula 5/-, enkulu 10/ Oka Kulling umncedi onyaniso wesisu se gazi, ibotile elula 3/., enkulu 6/.

Oka Kulling umncedi onyaniso wezi fana zama nkazana, akuko yeza ligqita eli linge otile ezihamba kwi 4/-, 7/6, 11/. ne 22/.

Aka Kulling Amafuta Omti, umncedi omkulu onokutenjwa kwi ntlobo zonke zezi londa nama dyungundyungu—linge mbizana 2/., 5/-, 11/-, ne 22/. inye.

Aka Kulling amagaqana oku hlambulula igqazi, eku ngeko nto ingapezu kwawo, ange bokisana, 2/-, 5/-, 11/, ne 22/.

La Mayeza emifuno ezifo zonke enziwa ngemiti nange ngcambu ezimbiwa apa e Koloni ezi hleli zigciniwe.

Ukuba wena nokuba ngumhlobo wako ofayo pambi kokuba ubhalele mhlaumbi uye kwenye indawo BHALELA ku J. E. L. KULLING woku tumela elona yeza likulungeleyo ngemali encinane.

### Ofuna Ukwanana amatokazi Egusha.

UFUNA ukwananisa ngamatokazi amashumi amatandatu Amatokazi Egusha, amanye

T. W. BRAGG.

Weza, Willowvale, 4th July, 1887.

## PEARCE & BROWN,

### Abatengi bezi Limo, nezi Kumba, Betengisa yonke into EMGOMANZI.

Sine ntlobontlobo ezinyulwe kakuhle zabantu base Sikolweni neza Maqaba.

Impahla yetu siyi tengisa ngamanani apantsi ukwenzela lamaxesha sikuwo.

Sine Bhokuva ezine ezintsha, nenqwelo ezisixenxe eseke zasebenza esizi tengisayo, nezi nokuqeshwa.

Kuko umkandi wenqwelo apa, umsebenzi awenzayo ufezekile, kanjako ubiza imali epantsi kanye.

YIZANI KUZIBONELA, KWA

## PEARCE & BROWN.

Umgomanzi, Pesheya kwe Nciba.

Ndalamba, Ndapel' Isoya

## FOLOKOCO!

### BANTSUNDU I BANTSUNDU!

" Especially " abanga pandle Yizani kudlisa nityebise amehlo enu kule nkumba yakwa

### PASCOE.

Impahla zitu ezintsha zifikile

I Tyali zika Ma—nezika Totosi, nezika Dade, ziyalala, azivuki.

Ityali zaba Ntwenyana (Uyaqonda kodwa ?)

Ityali ezi lufipa— zilala " too."

Ezokutshata ingubo, nokuba ufuna iyadi, nokuba ufuna zisikelwe kuwe.

I Printi—Ikeleko—Ilinzi — Amalapu ehempe—Izitofu (ziyi micako)—Iqiya ze keshemiya—Yonke, impahla itshipu ngoku ngum' mangaliso.

Ezamanene ingubo esezi tungiwe.

Ibatyi ne Bhulukwe ze kodi " ebanzi."

Amanene ayazisikelwa azitungelwe ezawo ingubo ngumtungi.

Siyazi dudela zonke ivenkile zalapa ngempahla zitu.

Inkumba yakwa PASCOE,

Ezantsi kwe Tyalike yama Skotshi.

Paulani, niqonde kakuhle, ningayiposi—

Amagama ka PASCOE

AMADODA ati ngu SIGINGQI.
ABAFAZI bati ngu SILINDI.
UMTEKETISO ngu FOLOCOKO.

E-QONCE

NANTSO INTO OBUKADE UYIFUNA.

BAHAMBI NO MZI WASE QONOE

## PAUL XINIWE,

UVULE

### IKAYA LA BANTSUNDU,

DURBAN STREET, E-QONCE,

Entla kwe " Mvo Zabantsundu " ezantsi ko Ngomti opezulu

IYINDAWO ENTLE YABANTU NAMAHASHE,

Kuni ke NTO ZAK'WETU.

# AMAYEZA

ADUME KUNENE,
KA
JESSE SHAW (U-Nogqala),
E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumniniwo, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezo zifo enzelwa zona; ngenxa yoku kauleza uku nceda noku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu

pantsi bexabiso lawo ; ngenxa yokucoceka ekwe- nziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa natyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifune egqinwayo ukuba ingamaytza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure).
Umciza ongazange ungakupilisi ukuluma kwa oka, nezinye inunu.

ELONA (Specific).
Elona yeza lesifo so Xaxazo Iwe gazi nezinye izisu ezikatazayo.

'UM-AFRIKA (Africanum).
Umciza ongenzi xesha ukulipilisa Izinyo.

UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture).
Elingoyiswayo zingqangqambo zendlebe, neze bunzi, nokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion.)
Oyena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline Aperient).
Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, ukungatandi kudla, Icesine nento ezinjalo.

UHLIKIHLA (Embrocation).
Amafuta omti okupilisa ukuqaqamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxuzaka, njalo, njalo,

" UMDAMBISI (Soother).
Amafuta omti okupilisa ukutsha, ukutyabuka, nezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA (Confection of Rhubarb).
Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana, nezabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).
"Umciza wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu neziny nkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA (Indian Tonic).
Iyeza elilunge kunene kwizifo zokuba butataka, nokungatandi nto ityiwayo.

UBUGQI (Magic Healer).
Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa nezilonnda njalo njalo.

IGUDISA (Emolientine).
Into elunge kunene etanjiswayo ebenza bubebu- hle bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder).
Lisetyenzisiwa neli kutiwa " Lelona " xa isifo sokuhamba igazi sendele.

Izalatiso zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe ngokuzalisekileyo zatiwa nca kwi bhotilana nezi- tofilana ngazinye, eziti zakulundelwa ngokufeze- kileyo angaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza esi- rweqe sokulumkela okungekehli.

Akandwa enziwa ngu JESSE SHAW, Igqira elisebenza ngemiciza, e Bhofolo, atengiswa nguye nge bhokisi nange Bhotile nangamagosa ake kwi- nkoliso yedolopu zale Koloni yonke, e Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA—
E *Qonce*—Dyer & Dyer, Malcomess & Co., D Drummond & Co.
*E Ngqamakwe—'M.rs.* Savage.
*E Monti*—B. G. Lennon & Co.
*E Rini*—E. Wells
.
E Dikeni R Stocks
*E Komani*— Maser & Marsh. '
*E Bhayi—H.* G. Lennon & Co.
*Engqusha*— W. A. Young, Esq.
i kaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.

ELIKA

# ORSMOND
# IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengcambu zemiti yelizwe.

UMPILISI WEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule naso, nokuba sihle ngayipina indlela, ezinjenge Hashe, izifo ezise Lufe- leni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise Mbilini. Ubutataka, Intswela butongo, Ubutataka be ngqondo, Izifo zesi Fuba, nent' eninzi yezilwelwe zama Nkazana, njalo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendle- la elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngesi Ngesi, Jelimeni, ei Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide sele- namava amaninzi umninilo, uliyaleza nge- ngqiniseko eliyeza ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwa- nale Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifo sabantu abamnyama liyi nqobo. Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zi- sheleni zontatu, izele liyeza elinga tata intsu- ku ezilishumi. Ibhotile nganye ihamba ne- ncwadi ene nteto yesi Xhosa.

Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

KING WILLIAM'S TOWN,

Linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza kuyo yonke Ikoloni.

Imisesane ye Golide
yoku Tshata,
7/6 umnye.
Ingeji ze Golide,
7/6 inye,
KWA
J. HILNER, E Qonce.

## BONISANI.

IPONI ebomvu, isingci sisikiwe, itshoba liputshiwe lisinqindi, linamabalana kwi- nyonga zombini amhlope, linobutshekana (sticks). Lilahleke Emngqesha, Kwadiki. dikana ngo July 13. Ote walifumana, oka- nye walandisa okokuba lifumaneke, woru- nywa, azise kwi Ofice ye " Mvo" e Qonce.
C. T. MARTIN.
Gwaba,
19 July, 1887.

## ST. LUKE'S MISSION,

NXARUNI.

Umongameli—
Rev. R. W. STUMBLES.
Ititshala Enkulu—
MISS BOND.
Ititshala Ezincedisayo—
WILLIAM MJOKOZELI.
ROSAMOND NKOVU.
Ititshala Yeshishini—
Mr. W. COLLEY.
Olungiselela Intsapo—
Miss STUMBLES.

Isikula Sivulwa ngo Mvulo, 18 July. Kuyakuvulelwa kwamfundisi intsapo eya- kuti intlaulo eyi £3 yenyanga ezintandatu, yiihlaule kwa isangena.

## Intlanganiso.

INTLANGANISO ye Lungelo le *Mvo* yase Tarkastad (E Skapu) iyakuba ngolwesi Hlanu ngomhla we 12 August, amalungu abeko onke.
A. N. J. NKOMO,
Vice. Secretary.
Tarkastad, 23 July, 1887.

## HEALD TOWN
## Training Institution.

ISINALI yase Nxukwebe iya kuvulwa ngomhla we Sitatu ku August ngolwe Tatu evekini.
W. HOLFOBD, Umpati.

## Abatshatileyo.

TELE—MPIKWANA.—E Cala kutsha- tiswe ngu Rev. John Nobanda, nge 8 ka July u THOMAS TELE no MARIA MPIXWANA.

## Abazelweyo.

KOSANI.—E Xesi, Middledrift, nge Ca wa, 10 Jull, 1887, Inkosikazi ka M. M. Kosani, ibeleke INTOMBI.

## Iveki.

SIBONA ukuba kuseko iqela elitile elinge- kayitumeli imali yokuxhasa *Imvo.* Siyali- bongoza eloqela ukuba liyitumele singade silibhengeze.

KWIZIKEPE ezisinge e Ngilane kwesinye bekukwele u James MacAllister Esq. (Nko- sintsha), obeyinkulu epeteyo kwisitora so Mackie Dunn &Co. e Bhayi.

U AUGUST lenyanga izakutwasa yeyokuqa- la yentlakohlaza, amawetu makalungiselele ukuhlwayela ihabile nengqolowa engu golden ball irasi ne ertyisi.

UMFO ontsundu ogama lingu Omanda obe- sebenza kulo kwali uyibonayo iluhlaza ise- kungeneni kwe Tshoxa e Qonce, ute emva kokuba epakamise ilitye elinzima, wati kako indawo ebuhlungu esifubeni. Kute kwangexe- shana elifutshane wapuma umpefumla.

IBONAKELE inzwakazi etile kona apa ngo- Iwesi-Hlanu kusasa siyi mana ukuxela ingcongolo isemsingeni, esitalateni. Bite sisondele lonto, yatsho, ngokulusizi kulengo- ma kusakutiwa xa ivunywayo, '1 wrote a letter to my darling." Longomake iyata- ndwa zindlavini.

SIYALEZA kwakona ukuba abahlobo betu bawupaule kakuhle umzi wokupumla kwabo apa e Qonce apo bayakufumana belungisele- Iwe yonke into, izixhaso, indawo yokulala indawo yokutyisa nokugcina amahashe, apoke kukwa Mr. P. Xiniwe, nganeno kwe Barakisi. Abo bayaziyo le ofisi ye *Mvo* ba- ngeza sowutwala umsebenzi wokubaxelela umzi ka Mr. Xiniwe.

U TOM MALAMANA, obebanjwe ngase Blaney kusitiwa ubulele i Lawu, ute akubu- zwa yi Mantyi yalapa, kwafumaneka kunge- ko bungqina bokuba ubulewe nguye. Waba ke uyakululwa u Tom.

UMFO ongu Wm. Gosia, umntu omnyama, unikwe ityala lokuba i 5/- kwa Mr. R. Pascee wagwetyelwa inyanga entolongweni esebe- nza nzima.

U MR. CLOSE wase D'urban, e Natal owa- bulawa ngo 1884 umkondo wababulali bake ufunyenwe, sekubanjwe ama Bhulu ama tatu ekutiwa ngawo.

KUMAPEPA ashicilelwa e Koloni apa awama Ngesi 76; awama Bhulu 16 ; awama Jamane 2 ; awama Xhosa 2.

KUKO umfo ontsundu ohlabe amadoda ada aman ngase e Monti ngemela. Ubequtyaw butywala.

" BIETJE hoender kop " atsho ama Lawo ukuzipendulela akubekwa ityala loku nxila nokungazindili.

ITYALIKE yase Qumra yama Wesile apantsi ko Rev. C. Pamla, ivulwe nge 11 July Isihlalo besino Mr. Chalmers, Imantyi ya- kona.

E NEW YORK kuko inkwenkwana elunywe yingwevu emdaka emilenze mifupi yesigca- wu yafa kwaoko.

. E BATENJINI lento yokugqoboza ivenkile ifuna ukuba licekwa.

KUMANDLA wase Dikeni abantsundu inan labo Ii 1610, izindlu 304 ; inkomo 2010 ; amahashe 101; igusha 5,718 ; ibokwe 2,752 ; inqwelo 17; ipuluwa 86.

U REV. J. WALTON, M.A., obesakuba se Rini, unyulwe ukuba abe yi President ye Conference yama Wesile e Ngilane. U Rev. Mr. Waller ngu Nobhala.

INKUKU zakwa Mr. Jeffrey e Rini kutiwa ziyapela. Kubonakala ukuba zigqitywa zindlavini zisusa izilungulela.

KWELEVEKI egqitileyo isiposo sesi:—site e St. Andrews College kupumelele amado- dana alishumi elinamabini—kanti sisitoba.

INGXOWA yengqolowa e Dayimani ihamba kwi £1 1s.

U MR. KETTLES ixego umiselwe ukuba ngum Hloli we bhula ezigusheni zeziqingata zase Qonce ne Monti.

I LAWO elungu Hendrick e Dayimani li- gwetyelwe inyanga ezilishumi elinambini ngokusuka liti lakutunywa yinkosi yalo ngehashe lingabi sabuya, lilibale kukuzibuka amacala ezitalatweni lilenza elalo elohashe.

SINGA bangakumbula abafuyi begusha ukuba baugafumane baziyeke uvakalala igu- sha, ngenx' enomteto webhula. Kuko osand' ukudliwa i £1 e Rafu ngokucanda kweso siqingata negusha ezinebhula.

U MR. R. JAMESON wase D'urban ute ngo- kuhambela ema Mpondweni kwako indawo ate ukuzikangela wabona ukuba angafanya- nwa kuzo amalahle.

INTLANGANISO ye Lungelo le *Mvo* yase Skapu yoba ngolwesi.Hlanu 12 August.

IMINI yom-Gqibelo ibe yejemvula kwe- lilizwe.

IVAKELE enye indodana seyibomboloza e New Town, isiti, " ayepina ama Dindala, ndafa," kanti akantsasana, ayixine ngemi- nquma, ngokuhlwa kwolwesi-Hlanu. Iyawa ngumti wotalaso ke lowo.

I " Budget " ipepa lendaba lase Cawa liza kumiswa ngoku ngenxa yokungaxaswa kwa- lo kakuhle.

ASIKAYI tunyelwa i Report yo manyano.

NGASE Monti kuko upahla lomntu olufunye- nwe lulengalenga emtini, incwadi efunyenwe kufupi naye abe bhala kuyo intwana zake, ibonise ukuba ngu Plaage umcweli we Jamani obenenyanga ezi 11 engaziwa apo waya kona.

U MR. F. DYER nentsapo yake bahlalele ukufika apa e Qonce bevela e Kapa.

AKUSEKUDE i Palamente ukuba ipele, mhlaumbi yotata ingxoxo zibembini mhlau- mbi ntatu.

KUMATYAIA abese Rini, kuko indoda ebi- banjwe kunye nonyana wayo ngokuba igu- sha. Lite lakutetwa ityala kwabonakala ukuba unyana uyamhlamba uyise. Uti zibi. we nguye. Kute kwakubhekiswa kwindoda enkulu yaselisiti " aniyivana into itetwa ngunyana wam." Ite i Mantyi, 0 ! kubona- kala noko ukuba seniquba ukuvelana. Lapezu konyana elotyala.

KUKO igwangqa elibeke isikonkwane kule- ndlela kaloliwe isinga e Rafu. Kute kwa- kubuzwa ukuba liyenzele nina lonto, lati ndi- funa ukuqonda ukuba iyakutinina i Injini yakufika kwesisikonkwane.

KUKO i Lawu elibulele i Hlosi ngezihla- ndlo ezine zenduku e Bo-Bhofolo. Eli Hlosi beligqiba inkuku.

E VICTORIA West amasela amatatu abequtywa ngama Dindala ebe igusha ate xa asendleleni, ajika alwa nawo, alidubu- la elinye, abaleka. Ite yakuyiva lonto i Ma- ntyi yapuma yayakufuna nabanye abantu Iwalunyhala.

INDLELA ka loliwe esuka e Rini iye e Ca- wa ivaliwe, ayingenisi mali.

KWANGASE Monti kuko umfazi obonwe selelengalenga esebeni lomti ezixhomile. Kutiwa ukatazeke kukubhubha kwentombi yake.

NGENXA yengqele kweli pezulu amanye ama Fama ade awabulala amaxhwane, efuna ukuba onina baze bangabulawa yingqele ngenxa yokumana begqilwa.

UMBONISO we Jubhili oyakuba se Rini ngo December, kubonakala ukuba uyakuba mkulu kanye. Izingqi zawo sezivakala, lonke elilizwe liyakuba kona.

U MR. F. A. CLUVER, unyana womfundisi wama Jamani ungowokuqala apa e Dale College e Qonce ukupumelela uviwo lwe B.A.

IZIGIGABA zengqele zivakala kulo lonke. Apa e Qonce usemnye umhlobo osilahleke ngenxa yayo, n Mr. Ncapayi Magabela owa- lala intsuku zambini wagqita. Kulahleke- Iwe ilizwe lonke ngaye kuba ubengumxhasi womsebenzi omkulu wohlanga *Imvo Zaba- ntsundu.*

U ARCHDEACON COLLEY wase Maritzburg obemangalelene nama Gosa etyalike yake ezi Jajini ugwetyelwe. Ute kodwa ngale Cawa igqitileyo xa angenayo etyalikeni wafika abantu bevingce benza uqilima emnya- ngo, wanyanzela ngobudoda ukungena wada wawa wavuka sebelutudlana ojobela.

ZISHICILELWE iziqiniselo ezine gama le Kumkanikazi u Victoria ezimisela i Ruluneli yase Natal ukuba ipate nelakwa Zulu.

IKUMKANI yama Ndebele iyaleze abantu bayo ukuba babombulala umntu abambambe esimba igolide kwelozwe.

AMAMPONDO anemvumelano ayenza no Mr. Nagel umpati we nqanawa yama Jelimani yokuba wona akhuselwe ngu Rulumente wama Jelimani; nokuba yena alinge indlela zokubuyisa umhlaba wama Xesibe, nokuba avule icweba elitsha; nokuba onyana benkosi zelozwe baye kufunda kwelama Jamani. Leyo mvumelano u Nagel utengisa ngayo ku Rulumente wase Kapa.

IKALITYI ka Mr. Greenacre wase Natal ipa- pateke namahashe kuko intombi yake nesi caka pakati. Suka yatsiba intombazana, kwati kuba asiluhlobo lutsibayo yawa kaku- bi ngentloko kwelukhuni indlela. Nangoku ingqondo azikabuyi kakuhle ; yona ikalityi yatyumka.

AMA Bhulu asebenzisa umpakati wexolo le rarnati xa umntu anezilo esiswini; abantu abamnyama basebenzisa inyinga nomfesi; ama Ngesi asebenzisa Elika Cook iyeza le Palo.

ABAHLOBO mabaqonde kakuhle izaziso ziyabhatalelwa kwelipepa nokuba umntu ungumtabati walo; into engarolelwa mali zindaba zodwa.

U MR. VAN RHYAN ungenise icebo kwindlu enkulu ye Palamente lokuba yonke imali ekutshelwa imfundo yabantsundu mayinqu- nyanyiswe kuba ayibancedi imfundo, bati noko banayo kube kusitiwa mabakuselwe etywaleni, ngati ngabantwana. Umonga- meli u Chief Justice de Villiers uwuncome kakulu umsebenzi wemfundo kwabantsu- ndu, wamtetisa kakulu u Mr. van Rhyan kude afumane atete ubudenge obungako.

EMATYALENI ase Dodoloro u Nosoyi no Nopoyi, no Nokoko, no Gawise badliwe ishumi lesheleni emnye, bengenalo iveki yonke entolongweni, ngenxa yokubeta u Mina bemhlanganyele.

LOMTETO usand' ukushicilelwa onika um- pesheya kwe Nciba ilungelo lokutumela aba- meli e Palamente ulahlula kubini elozwe. Esokuqala isiqingata kutiwa yi Tembuland —esiquka u Gcaleka, naba Tembu, nama Bomvana, nama Mfengu. Esesibini kutiwa yi Griqualand East—esiquka lonke elase Mbo no Mzimvubu. Lonto iyakwenziwa kwangomhla wokuqala ka September lo uza- yo. Kuya kuqutywa lomteto mtsha soloko usikalisa wokutunga imilomo. U Sir Gordon uti amalungu makabe mabini qa amele lo- nke elozwe.

E MADRID kutene bidi ngokuxabana isaji- ni negqweta basebesiwa ezipistolini bedubulana, loselwa igqweta lafa.

U BISSET owaye bhenele kwenkulu inkundla ye Jaji ugwetyelwe, kwatiwa nokuba nga uzibile idayimani ezo abamangaleli bake banesihluku nenqala ngakuye.

U Moos DAMON owadlwengula umntana ominyaka mitandatu e Kapa, unikwe ima- nyaka esitoba entolongweni.

U BHOKOLO (Mr. R. M. Bowker) ungenise kwindlu enkulu ye Palamente icebo lokuba inqunyanyiswe imali encedisa izikolo zaba- ntsundu. Amalungu elo bandla asuke anga- madikidiki amadumbu akamxhasa ngoko- meleleyo wasele libuyisa umva elocebo eso- ngela ukulingenisa ngelinye ituba.

NGOLWESI-NE olugqitileyo u Sir G. Sprigg ubikele ibandla le Palamente ukuba i Rulu- neli iwuvumile umteto wokutungwa kwemi- lomo yabantsundu.

U RULUMENTE ubetumele u Mr. Strachan ema Mpondweni ukuba apendle lemvumela- no yenziwa ngawo nama Jelimeni. Akuva- kali mpendulo imiyo yenziwe ngu Nkosi Mqikela.

## IMVO ZABANTSUNDU

## NGOLWESI-TATU JULY 27. 1887.

Icebo
lika Mr.
HOFMEYER

SAVUYA satshay' izitupa sakuva ukuba u Mr HOFMEYER omele i Stellenbosch nongumkokeli wama Bhulu e Palamente ungenise icebo kwelo Bandla lokuba bonke abantu abamnyama abangabanyuli malungu e Palamente nabanemfanelo yokuba ngabanyuli mabakululwe kwizibata nezigu zemitetwana eyenzelwa abantu abamnyama ingeko kwabamhlope. Lendoda u Mr HOFMEYR bati bonke yindoda engqondo inzulu, ekunokwenzeka ukuba ibasitele aba- ntu abaninzi into xa ayixoxayo. Xa siwuqala ezantsi ukuwulanda umko- ndo wenteto zake nokuvota kwake ezingxoxweni ezipatelele kwaba- ntsundu simfumana engenabuhlobo bupi nomntu omnyama. Izwi loku- mbulela Iona limfanele u Mr. HOFMEYR ukude kuti kwelicala lake no Sir GORDON SPRIGG kupume into entle kangaka. Intlanganiso yo Manyano ebise Ncemera yalile ukubulela, ite make kulindwe kukangelwe ukuqutywa kwengxoxo nesipelo selicebo. Tina sicinga ukuba umbulelo yiyona nto ibiya kumomeleza u Mr. HOFMEYR, xa ngaba ubecinga ukusenzela ubulungisa.

Elase Bini ipepa i *Joarnal* liya- sikalazela, liti yintonina ukufumane sibajiswe ngomsundu omneinane kangakanana, sicinga ukuba ingade ibeko na into yokuba liti iqula lilinye lipume amanzi amnandi namtyuwa ngaxesha nye; litsho lalate kulungxoxo yokutungwa kwemilomo yabantsundu kwinto zombuso.

Into esiyibonayo tina kuleya Pa- lamente akuseko kumenzela malu- ngelo umntu omnyama, ngokoke nentwana encinane ayenzelwayo masiyibulele. Siyayibona indawo yo- kuba umfo lo angati kanti wenza iye- lenqe, kuba nelicebo lake waye kade engalivelisi, ulivelise kwakungenwa kwingxoxo zokuba abantu abantsu- ndu bayatshabalala butywala bo Mlungu mabanga butengiselwe. Kubonakala ke ngelicebo lake ukuba wonke umntu ogama lise ncwadini yabanyuli ukululekile ukuba abutengiselwe utywala nokuba ziko inqila. Ukutsho asifuni kumgweba u Mr. HOFMEYR engeka- pumi egusheni.

## Impawana.

Ngati ngoku isono sifuna ukubaraxa abantu. Kute kwakusasa nge dekedeke mhla nge-Cawa le igqitileyo kwabonaka- la isicukwana sabantu kwesi sitilato simi u Baker, kanti kuko intwazana ebe- lekayo kolodaka nengqele yalemvula Lentwazana yeyapaya kwa Mnqayi, ku- bonokala ukuba ibisoloko ihamba nje isebenza nakwa mlungu ibisifihla isisu kuba kaloku sekwa nxitywa isitezi zoku- bopa izisu ne bhasile zokwandisa umqu- lu womntu ; sela yekwa nesiko lakowetu ebelilunge kunene lokugcinwa kwe nto- mbazana ngabazalikazi. Le intwazana ite xa ipakati kokulungiselela ibhulaku- fesi yakwa mlungu yafika inimba, yaba- leka yapuma isiti iyagoduka ngelayo suke yati ukuba ingene esitalatweni kwe- viwa ngosana selukala. Yahlazeka. Hu- ku! Satana, bahlaze!

***

Lento yoku yekelelwa kolutsha mayi- kangelwe kakulu ngumzi kuba uyalahle- kwa bubuntu bawo. Ekudalweni kwe ntlanga lolo lunamasiko alo emvelo olu- ngati luwalahlile lwenzakale. Kolu lwa- kuti uhlanga ziti nezinto ezilungileyo zakufun'kwenziwa lusuke ulutsha luqo- bise ngokuti " bugqinga lonto." Nalen toyokusuke intombazana zibe zizona za- zi kakulu izihlobo ezimana ukuzi tyele- tela ibifud' ingeko koluhlanga lumn- yama. Bekusakutiwa kudala " Amaqobo- kazana alangala emzini kuza kusengwa." Namhla ngenxa yama qobokazana aha- mba elala emizini lulwat saka abantwa na bezisu. Ubuntu buyapela.

E Ngxakaxa kwakiwa indlu ekutiwa yi Jubilee Hall esisi kumbuzo se Jubhili yo Mntan' Omhle u Victoria exabiso limalunga namakulu amabini eponti. Lendlu kutiwa iyakuba negumbi lencwadi ezizi ntlobo ntlobo (Library), zokuleswa lulutsha olufundileyo.

***

Elinye igumbi lalendlu yase Ngxakaxa loba yindlu eze apo zomana ukungena kona intlanganiso ezinjengezo Titsha- la, nezinye; kulapo nomdaniso (kuba kuya daniswa kwelo) yimidaka uyakube- telwa kona ikonsatina; kulapo abantu abapantsi kwe Mantyi ye Dutywa lonke baya kuzibeka kona isali zabo xa beze Emantyini. Nokokuba londlu iyaku- patwa ngalupina uhlobo sona isenzo eso sisikumbuzo esikulu.

***

Icala lase Gcuwa liyikumbula i Jubhili ngokwaka i Sinali ye Ntombi ezi Ntsundu. Lowo msebenzi wonganyelwe ngu Rev. W. J. Hacker oselekupe amapepa okubuta imali kwindawo ngendawo za- pesheya kwe Nciba. Indleko zayo zoba malunga na £700. Lite lakufika elopepa libuta imali Ezazulwana kwa Mr. Feltman Bikitsha kwamenywa intlanganiso ngolwesi-Tatu olugqitileyo yonganyelwa ngumnini-mzi. Ladlalisa kunene igubu libetwa ligwece lamadodana. Labeta sa- vakala sisiti: " The half was never told" —akuzange kuxelwe nesiqingata, sento eliyiyo eligubu. Bayigalela yabomvu imali abantu bakwa Feltman beqalelwe kwayi nkosi yabo erole i £5. Banqunya- nyiswa ngenxa yokuhlwa berola. Asi- mangaliswa ukuba abantu belozwe babe zityebi, bafana nama Ngesi ukutumekele- la ukurola kwakubako umsebenzi.

***

Umbhaleli ose Shiloh uti: "Ngosuku lwe 21 ku June kwadibana i Bede ne Whittlesea e Jubhilini, i Bede lipetwe ngu Rev. C. Liebich. Imidaka yakuti yawavutela amaxilongo, yayibeta nenta- mbula kwakubi ngangokuba mna selena- makade ebona ezidolopini zale Koloni nditi: Hayi, nawe mfo wase Mangesini noko yavela nawe nje lento ungapumele- la ngendlela zako. Zaba zikulu izidlo nemidlalo. Namanenekazi enze eyawo ngo 7 July ewudibanise lowomsebenzi nokusekwa kwe Kerike ye Moravian ngu Rev. C. Smith e Genadendal ngase Kapa, yantle lonto yamnandi kwakukunjulwa ukuba esi sikolo saqala e South Africa ngo July 9, 17.37. Angena namanene akupa inkabi zegusha nezebokwe nemali. Into embi kwakalwa ngokuvalwa kwetu imilomo embusweni.—P. M.

Pambili nto zakowetu, zi kambeti intshaba umzi ubuyela emva kwinto obufuda uyiyo, bonisani ngezenzo ukuba akunjalo. Siyanikumbuza kwakona uku- ba ngo December umzi wase Mangesini uyakubutelana e Rini embonisweni om- kulu. Iyakuba lapo i Ruluneli nezipata mandla ezikulu zelilizwe. Umz' ontsu- ndu maube nezinto oyakubonisa ngazo ukuba awuseyiyo into owawuyiyo ukufi- ka kwama Ngesi kweli uyanyuka. Sive- lisa icebo lokuba igubu lapesheya kwe Nciba nelase Bede maze aye kudibana e Rini aye kubetela i Ruluneli; kwanje- ngokuba yonke into yo Ntsundu yokuqu- bela pambili ngeyinga sileli.

Siyifumene incwadi ka Mr. Augustus Tengo-Bell evakalisa ukuba umzi ontsu- ndu omele Igqili e Herschel uyatelela kwelokuba kubhenelwe kwi Nkosazana ngesizatu sokuba i Palamente yelilizwe isivale imilomo empatweni yetu. I Kata- le seliyitumele eyalo incwadi yesibheno. Ne Ruluneli seyisixelele ukuba iwuvumi- la lowo mteto ukuba uqutywe. Umonga- meli wentlanganiso eyayise Mgqwakwebe ngolwesi-Ne olugqitileyo uMr. Thos. Sa- mbula waye tumele ucingo kwi Ruluneli eyicela ukuba ingawamkeli lo mteto, nantsi impendulo From Private Sec.

Government House Cape Town. To Thos. Sambula, Chairman Native Meeting, King Wm's Town, 23rd July; His Excellency has received your telegram of to-day and desires me to inform you that the Registration Bill has already been assented to.

***

Indlela yokubhenela pesheya isaqulunqwa yi Komiti yase Bhayi, yovakaliswa kwakankanya uhlobo eyoqutywa ngalo.

## ILISO LOMZI ONTSUNDU WASE QONCE.

Njengoko bekwazisiwe, lentlanganiso idibene ngolwesi-Ne ngokuhlwa, 21 July, Emgqakwebe. Imizi ebitumele amadoda azindlebe zayo, yile:—Imidushane, Intsi- kizi, Uzidenge, Irode, Idebe, Idolopu yase Qonce, Umngqesha, Umlakalaka. Kute kwakungena namadoda ase Mgqa- kwebe yazalisa kamnandi intlanganiso. U Mr. W. C. Mtoba utyumbe u Mr. Thos. Sambula ukuba abe ngumongameli we- ntlanganiso, u Mr. Z. S. Mbewana wa- xhasa.

Ekovile Umbhali-Micimbi yentlanga- niso (u Mr. Tengo-Jabavu) ukulesa iha- mbiso yentlanganiso yo 20 March, ate ya- mkelwa, kungeniswe amagama amadoda anyulwe kwindawo avela kuzo, ango Messrs. Philip Mali, no Geo. Booth (Ta- mara) ; Philip Ntsabiso, no N. Tsoko (Ramnyibe); K. Nkonyeni (Mlakalaka); Zazaza'S. Mbewana, no S. J. Kali (Zide- nge); J. Gantile, J. S. Lokwe (Kubusi); kuvunyelwene kwelokuba abantu bomzi ekuwo i Komiti bavunyelwe ukupendula ezingxoxweni.

Kuleswe incwadi evela kwi Ruluneli ipendula ebibhalwe ngu Mbhali-Micimbi yentlanganiso ebuza ukuba wolifumana na umzi ituba lokuya kutandaza pesheya, ukuba upumelele kwi Palamente yeli umteto osivala imilomo. I Ruluneli ite ayinakuteta nto kuba lomteto ungekazi- swa pambi kwayo, kodwa ngati (7 July) awusakufuneka utunyelwe kwi Nkosaza- na.

Kubeko ingxoxo ende ngomcimbi lo kutiwa kutungwa kwemilomo, ate Umo- ngameli wacela u Mr. Tengo-Jabavu ukuba ake ayihlaziyele wona intlanganiso. Ute isizeka-bani kukusuke kuti ngo- kuqabuka komzi ukuqabukela imfanelo zawo amaninzi amagama abantsundu balemimandla yelase Maxhoseni emqulwini wamadoda anokucetyiswa ngento zombuso. Ngesi sizatu u Sir G. Sprigg kubonakele efuna icebo angati ngalo aba- guzule bonke abamnyama. Elotshawe li- qonde ke ukuba liyakubafumana besisulu abamnyama abanye ngendawo yokuba bengenaziqiniselo zeziqu emhlabeni, abanye baneziqiniselo kwi akile ngantanda- tu ezingasakubanika lungelo lakupendu- la entweni zombuso. Osindileyo ngono- xande, nakuba naye eyakwenza imigu. Icacile ke lento ukuba zonke izima-mhla- ba ezintsundu azisakuba nazitunzi, kwa- nasitozela kwikomkulu le Nkosazana.

U Mr. Philip Mali ute sasilipiwe ngu- banina Iona ilungelo ? Aba basihlutayo bacebisene na nabo basinikayo? Utsho wati umbuso wase Maxhoseni ubukwi- nkundla ngenkundla. Ubeko u Ngqika, eko u Ndlambe, kanti ezinkundla bezi- ngena kuyiqetula into evele ku Hintsa. Ngokoke kusekuhleni, ukuba lombuso si- kuwo uyafana noko ubusakubanjalo owa- kuti. Ukub' akukonto yimbi ongayenzayo umzi ositi maubhenele ku Hintsa, oko kukuti i Nkosazana. (Kwadunywa).— U Mr. Mlonyeni umeshushu esiti ngo- kwenjenjalo siyakuba sesizifaka umkala kulempi ise Kapa.—O Messrs. Poswa, Kanqu, J. Dikweni, bate akuko mkala uyakugqita kulo wokuba babe ngapandle kwamalungelo esikweni.—U Mr. Tengo- Jabavu walate ukuba akuko sahluko, kwinto ezimandla, kulombuso sipantsi kwawo nalowo ubusakonganyelwa ngu Hintsa no Ndlambe no Ngqika njengo- kuba ewuva uchazwa ngumpakati wakwa Mdushane. Utsho walesa izigqibo zomzi ontsundu ose Bhayi, ete intlanganiso ya- zitakazelela kunene, no Mr. Mlonyeni ba- vakalisa ukuba boyisiwe.—U Mr. S. So- njica umise elokuba umzi ontsundu ome- le Iqonce mausowuwomela kuzo (kwadu- nywa). U Mr. Mlonyeni wasekela.

IZIGQIBO.

(1) Lentlanganiso igqibe kwelokuba ku- longozwe Umhlekazi i Ruluneli ukuba anga- libeki igama lake nesincamatiselo kumteto wogutunga imilomo yabantsundu entweni zombuso.

(2) Ukuba ayiko impumelelo ekubongo- zeni Umhlekazi, lentlanganiso igqiba kwe- lokuba kutunyelwe amadoda amane (4) antsundu e Ngilane ukuba aye kwaneka inteto yomzi ontsundu pambi kwamapakati Omntan' Omhle nomzi wase Mangesini.

Kugqitywe kwelokuba kutunyelwe ucingo ku Mhlekazi olovakalisa umnqweno wentla- nganiso, nokuba umtandazo uza kulandela.

U Mr. Tengo-Jabavu uxele ukuba izigqibo zase Bhayi ziqalile ziyadubula, kuba ibhotwe lise Kapa litumele e Bhayi ukuba kukauleziswe amadoda amabini aye e Kapa apo ke kuye kugqugulwa. Ungomnye yena wabacelwa ukuba bapu- tume eso sicelo. Itinina ke intlanganiso ? Intlanganiso ibemoya-mnye ukuba aham- be uMr. Tengo-Jabavu njengopuma kuyo, aye kuncedisana ne Bhayi kulento, kuba inteto ye Bhayi nomandla wase Qonce seyinje.—Indawo eyalekw'ezigqibeni zase Bhayi yilentlanganiso ibe yeyokuba uku- bakude kwabonakal' ukuba masiqutywe isibheno esiya kwizipakati ze Nkosazana, abatunywa mabapatiswe umtandazo we- zizwe ezintsundu ngelituba. Intlangani- so ivakalise umnqweno wokuba nezinye izitili zitelele.—Kugqitywe ukuba kuqu- kwe imali kwimizi ngemizi, ubemzi lowo ube nekomitana yawo yalomcimbi—yo- nke into efunyenweyo ipatiswe u Mr. M. Poswa oyakuba ngu Mgcini- Ndyebo om- kulu.

Mayelana nomcimbi wenqila zotywala Intlanganiso igqibe kwelokuna kutunye- lwe ucingo ngu Mongameli ku Mr. Vint- cent, olilungu le Komiti ye Palamente ecikida umcimbi wokwandiswa nokupeli- swa kwenqila, uluvo lomzi ontsundu wa- se Qonce ukuba i Komiti ibuze kuwo, iyeke abantu abaninzi, ngoncedo Iwenqi- la, kuba nguwo opakati kwazo.

Emva kwesincoko ngomcimbi we pasi, nowokukululwa kwe nkosi u Mr. Tengo- Jabavu unike isaziso sokuba: ngentlanganiso elandelayo uyakuyicela intlanganiso ukuba iyumelane ngecebo lokuba lentlanganiso imane ukubako kanye nge kwata.

Kwakona unike isaziso sokundulula ingxoxo ,yokuba lentlanganiso ibhekise izicelo ezitobekileyo kwimizi emele i Bhayi i Rini, i Bhofolo, i Komani (Ihewu)

aba Tembu, Igqili (Herschel), Ingqushwa, ne Dike, nepesheya kwe Nciba ukuba nayo izame ukumisa intlanganiso ekuya kutiwa Zililiso Lomzi Ontsundu, eziya kuzama ukuvisisana ngamalungelo abantsundu pantsi kwalombuso sinawo.

U Mr. Sonjica unike isaziso sokucela intlanganiso ukuba incedise ukubuzela amadoda ase Debe ngendawo yemali awayeyitenjiswe ngu Rulumeni ngendleko zemfazwe.

Kugqitywe ukuba elandelayo ibese Pirie, Pantsi-Kwamahlati, nokuba kumsinya kangakananina xa kuqondakala ukuba kuko indawo abuya nayo e Kapa u Mr. Tengo-Jabavu. Intlanganiso ibe yeyolileyo.

# I PALAMENTE

INQILA ZOTYWALA.

U Mr. SAUER unyanzele ngelokuba abantsundu bafuna ukuba bususwe utywala kubo. Lengxoxo seyichazwe ngokwaneleyo akusafuneki ukuba iye e Komitini.

U SIR G. SPRIGG ute amapakati ebesele lungisela ukuyibhekisa lendawo kwi Ruluneli ngokumalunga nesiqingata sase Qonce ukuba sivulwe utywala ziyekwe ezingekuwo lomandla we Qonce.

U MR. SAUER: Kuko zipi indawo ngapandle kwe Qonce ?

U SIR G. SPRIGG ute ewe, ziko.

U MR. SAUER ute, ukuba ke ziko ma- yinganyulelwa madoda okuyikangela lendawo, hleze u Rulumeni azivule neza- ndawo bebalelwe ukutengiswa kuzo utywala elixa lomcimbi usese Komitini.

U MR. HOFMEYR ute kuqala makuqondakale ukuba ukuvulelwa kotywala kwabantsundu konakalisile; nokuba kube yingozi elizweni; nokuba ukwale- Iwa kotywala konceda uluto. Utsho wati ewe, kwizityakala yaba yimbhubho kuzo inkululeko, zatshabalala ke izityakala ezo. Kunjalona ke ku Maxhosa kule Koloni? Ukuba ke kuyafuneka ukuba butintwe kwabantsundu utywala makube kwanjalo nakwabamhlope [u Mr. LEWIS: Pu- lapulani ke]. Baya kunxila ngakumbi kuba ilungu lase Rini liti mabuvulwe ezidolopini.

U MR. WOOD : Ndite mna ukupendula ku Mpatiswa Bantsundu ndingavuma ukuba zingalelwa idolopu ukuba ndino- kuyizuza into endiyicelayo.

U MR. HOFMEYR ute onke amanene atetileyo inteto yawo inge brandy yodwa, ukanti buko notywala bo Mxhosa abunakuyekwa, kuba busisiselo esinengozi; kukwako ne qilika emnxilisa umntu abe siyakala intsuku zide zibe mbini. Niti Amaxhosa acele ngokwawo ukuba bupe- liswe utywala kuwo, kodwa akazi yena ukuba atsho onke.

U MR. HOCKLY ute ukuba akuko ndlela yakwandisa imimandla eyalelwayo ukuba itengise utywala masekuyekwa, kuba isonakalo sihla ngenxa yohlobo eya- lelwe ngalo lento zingena luncedo Iwalu- to ekungatengisini utywala. Ukwandi- swa kwale mimandla kungatinta ubu- nxila nengozi pakati kwabantsundu. Kanjalo ukutanda utywala pakati kwa- bantsundu kuya kusanda ngakumbi; ke ngapandle kokuba balelwe ukutengiswa ngabo kubo bayakutshabalala babe nga- maruxu. Kuyimfanelo ukuba abamisi miteto benze lukuni ukuyalela intengiso kwabantsundu ngapandle nase dolopini.

U MR. VINTCENT ute u Mr. Hofmeyr lendawo akayikangelanga njengesiteti kuba banele ubungqina bokuba abantsundu ababufuni utywala. Batsho ngo- kwabo.

U MR. TUDHOPE ute lendawo yokuba kubeko iziqingata ezalelweyo ilikete xa idolopu zivunyelwayo ukubutengisa, kuba kwase zidolopini apa kuko izihlwele zabantsundu kwindawo ezinjenge Tinara ezirawulwe yinyambalala yabantsundu— ezingekona pakati kwesi salelo. Ukuba ke idolopu zikutshwa ngapandle kwalo mteto, kuyakuba kulapo bututwa kona ukusiwa kwindawo ezingapandle ngaba- ntsundu. Enye into liko kuzo zonke idolopu ibhunga elinika imvumelo ezi- nkantini, lingala xa libona isonakalo.

U MR. HUTTON ute u Rulumente ma- kawuqinisele umteto okoyo kuba awuzi- fezi indawo ewenzelwe zona. Endaweni yokwenjenjalo usuke u Rulumente we- yabalala. Amadoda awayetunyelwe uku- pengulula imiteto yabantsundu aye yale- ze ngqongqo ukuba abantsundu bangabu- tengiselwa utywala. Idolopu mazalelwe ukubutengisa kuba kulapo abantsundu bava kubuzuza kona ukubusa ngapandle.

U SIR T. UPINGTON ekupenduleni u Mr. Hutton, ute lomadoda ayetunywe ukupengulula imiteto yabantsundu aye- yaleze ukuba kutatyatwe umteto wase New Zealand. Nge' 1883 akuba u Sir T. Scanlen engenisa umteto wemvumelo (License) yotywala wayejonge kulomteto. Umteto ke lowo onika igunya kwi Ruluneli ukubalela utywala kwiziqitana ezi- ncinane ekute kuzo kwakolisa ngaba- ntsundu. Nase New Zealand kubuye kwangeniswa indawo yokokuba xa abantsundu besisiqingata esilingana naba- mhlope kulowo mandla mabalelwe utywala ukutengiswa.

U MR. HUTTON ute yena ubependula inteto yenene lase Stellenbosch neyo Mpatiswa Bantsundu, yokuba besiti akuko bungqina bokuba balelwe utywala kwabantsundu.

U MR. O'LEARY ute ubeza kupakami- sa izandla ngokuvumelana nalendawo kuxoxwa yona kule nkundla(Pulapulani) utsho wati ukubanika utywala abantsundu kukubatshabalalisa, ngoko mayandiswe imimandla eyalelweyo ukubutengisa kwabantsundu. E New Zealand abantsundu baluhlanga olucimayo kanti apa e Koloni bayanda ngoko ayifani lemihla- ba.

U MR. MERRIMAN utete kakulu ebonisa imfaneleko yokubalela utywala kontsundu evumelana no Mr. O'Leary; nokuba e Transvaal balelwe kwabantsundu utywala. [U Mr. DE WAAL: Akwazi nento ngalonto akuko mteto unjalo e Transvaal.] Akapika noko omnye, wa- gqiba ngokuti uyatemba ukuba amanene ayakuzipakamisa izandla zawo ngentelekelelo yokuba balelwe utywala ukutengiswa kwabantsundu. (Hear, hear).

U MR. LE ROEX ute umntu ontsundu makangalelwa ukusela utywala eyaku- butenga ngemali yake nje. Ukuba umntu omnyama uyakwalelwa kungaba kone- Iwa abalimi be diliya. Mabayekwe base- le kubanjwe amanxila.

U MR. INNES ute yena kuyimfanelo malungu ale nkundla ukuba amaXhosa anikwe isicelo sawo, bukweleliswe utya- Iwa kuwo—obamazimba nabo kuya liwa nabo ngabantu abamnyama.

MR. OHLSSON: mabafundiswe incwadi abantsundu hade babubone ububi balento iluselo; akuyi kunceda nto ukubalela, ukungatengiswa kotyalwa kubo.

U MR. PLESSIS ute azincedi nento ezinqila, nenteto ka Mr. Chalmers seyibonise ngokumhlope ukuba azilusizo lwaluto. Kungenani kanye ngekuvalwe mpela utyalwa elona yeza. Obu bom Xhosa bunxilisa ngapezu kwe bhulandi ngebuvalwa nabo, ingati yenziwe lonto angalixasa elicebo lenqila.

MR. DE WAAL: mabayekwe abantsundu basele njengabamhlope iyekwe lenteto yembudo.

MR. SAUER: Lamanene amele eliya cala azenza abahlobo babantsundu, kute engxoxweni yevoti ati ontsundu ngumntana makangayinikwa; kule yotywala ati makapatwe njenge ndoda.

U SIR G. SPRIGG ute yena akafuni ku palapala ukuteta kuba uzinto ezimbini eyedwa. Ungummeli wesiqingata ema Xhoseni, ukwayintloko ka Rulumente. Kulamawonga omabini unokwenza ngokutanda kwake akabotshwe nto. Uyazi yena ukuba lawa manene agabisa ngokulunga akamgqiti, kuba bayafana ngokusebenzela nokulungiselela abantsundu Into ekoyo u Rulumeni akafumani nxhaso kwabantsundu. Nakulento yenqila zati zisakwenziwa asuka amaqaba amana ukutuma abafazi namantombaza ezidolopini zizekubutenga kona utywala kunxi- Iwe emakaya, kwenziwe nezi mawusi ngabantu abangena mvumelo yokuzenza ngoko ke beba imali ka Rulumente ye Lisence. Nalento yokuti nantsi imitandazo yabo asiyo nene, yimitandazo mini yona? ndite ndisakuyikangela ndabona ekuqaleni kwamagama omnye umtandazo igama lomfana obetandwa Kunene esinaleni afunda kuyo, owasinda selebanjwa pesheya kwe Nciba ngokusuke abhale ipepa lemali. Weza apa e Koloni wenza ityala elimdaka elingakankanyekiyo wabanjwa wali bhantinti, ukupuma kobo bubhantinti nanku namhla sele zenza okoxela abantsundu ngokuti mabunga tengiswa utywala. Ndiboniswe nepepa lesi Xhosa ekutiwa Sigidimi *Samaxosa* eliti "Lompati wenza lento wenza ihlazo " kutetwa mna ke kutiwa ndenza ihlazo ukucebisa i Ruluneli ukuba ibuvule utyalwa; ekubeni lento ndiyenza nam ngengqondo nangokucetyiswa zi Mantyi nezipatamandla ezipakati kwabantsundu eziti kukona bunyukileyo ubunxila kwezinqila balelwayo kuzo. Kuko abati ama Xhosa makakutshwe ebhulandeni afundiswe iwayini. Lonto ayingencedi Into kuba akangeneli yiyo augayenza bukali nayo. Akatsho yena ukuti kotshabalala abalimi be diliya' zakwandiswa inqila uti yekani abantsundu babe nenkululeko njengabamhlope. (Hear, hear).

U MR. FULLER ute ilungu lase SteB lenbosch u Mr. Hofmeyr liteta liziguqula. Umpunga wenteto yalo xa bekuxoxwa ngevoti uchasene nalenteto yanamhlanje. Okunene inqila azifezi kuba Amaxhosa anamahashe, kodwa mazandiswe kuno-

kuba sekuvulwa kuba kanye. Yena akangebi lusizi lomcimbi xa 'uke wani- kwa i Komiti xa u Rulumente ayakutembisa ukuba akasokubuvula utywala isesekomitini; kokona yoxutyushwa ngokufezekileyo.

U MR. WOOD ute akukabiko zizatu ziveliswayo zokumqondisa ukuba uposisile ukulingenisa elicebo. Ukuba u Rulumeni ulilingile elicebo uyakubulela ubulungisa alwenzelele uhlanga lwama Xhosa. Uma- ngalisiwe ukuva ilungu lase Fraseburg lisiti bayekeni basele bade bafe. [U Mr.LE ROEX: Ndite mna mabasele ngobungcatu.] Yena (Wood) angaxhasa nalipina icebo elilunge ngapezu kweli lake kulento.

U MR. PEARSON uvelise icebo lokub lengxoxo inyulelwe amadoda okuyipengulula, kokona no Rulumente ayakulitoba igazi ekuxoxeni evelise neqinga.

U MR. LEWIS ute ngati u Somandla usinike iqina lokokuba silicombulule eliyakudala intlalo entle pakati komhlope nontsundu. Yona Inkulu le ngoteta eziguqula lento ingasatenjiweyo.

U SIR G. SPRIGG: Lento iyaqela yokumana kusitiwa u Rulumente ligwala ekubeni enempi emxhasayo apa, inteto yake ye 1873 usemi kuyo nanamhla. Uyavuma ukuba uke usiwe e Komitini lomcimbi, akasokubuvula utywala kusatetwa.

U MR. MARAIS ute eliyacala licela ihlati le Komiti lakubona lisoyiswa, makuvotwe.

Ute akuti u MR. DE WET le Komiti kuyakunyanzeleka ukuba k u t a t w e icebo layo, wati u MHLALI-NGAPAMBILI ibandla alinyanzelekile ngokwesiko (Hear, hear).

U MR. PEARSON ute ubenga I Komiti ingaba ngala manene: Umgcini-Mali,
Mr. Wood, Mr. Merriman, Mr. Innes,
Mr. Hofmeyr, Mr. Marais, naye ke.

Lahlulelene ibandla kwelokuti lengxoxo mayike iye ekomitini.

Amagama abavumayo:—Messrs. Walker, Goch, Merriman, Fuller, Vintcent, Pearson. Frost, M. J. du Plessis, Solomon, Tudhope, Nel, Hockly, Ohlsson, Cornwall, Hutton, Paton, Van Zyl, Wood, Ayliff, Rudd, Jones, Crosbie, D. de Wet,
Van Heerden, Van der Walt, Scholtz, Dempers, Warren, Theron, Innes, Leonard, Douglas, O'Leary, Sir T. Scanlen, Sir G. Sprigg, Sauer, Capt. Brabant, and Mr. Lewis.—38

Amagama abangavumiyo: — Sir I Upington, Major General Nixon, Messrs. Le Roex, De Vos, Holmeyr, Van Eeden, Johnson, Barry, Des Vages, J. De Wet, De Waal, J. J. de Villiers, Joubert, Du
Toit, Louw, Marais, Rothman, Venter,
and Myburgh.—19

# ABALIMI NA_BARWEBI.

Amsitweni wayi zolo uboya oburabaxa burolelwe 3d ngeponti; obangavaswanga igrisi 3 1/4d to 4 3/4d ngeponti.

E MARKENI.

E QONCE (July 26).

Ibotolo, 7d to 1/4 ngeponti
Ihabile, 1/ to 3/ ngekulu
Itapile, 1/ to 5/6 ngengxowa
Umbona 2/6 to 3/4 ngekulu
Umgubo, 8/6 to 9/1 ngekulu
Imbotyi, 2/4 to 3/ ngekulu

E RINI (July 25).

Irasi ezinkozo, 3/5 to 4/ ngengxowa
Imbotyi, 2/6 to 5/ ngekulu
Amazimba, 5/ to 7/ngengxowa
Umgubo, 8/6 to 16/ ngengxowa
Umbona, 6/6 to 8/1 ngengxowa
Inkuni. 16/ to 31/ ngeflara

E KOMANI (July 23)

Inkuni, 10/ to 31/ ngeflara
Umbona, 4/6 to 5/3 ngenxowa
Itapile, 4/ to 4/3 ngengxowa
Umgubo, 4/ to 4/3 ngekulu.

## EZABABHALELI.

AKANTSASANA KWA BHACA.

Ngincede mtandiluhlanga oluntsundu, ungifakele mnumzana, lamazwana ambaIwa kwesositya sezikulu zamawetu. Ndibone umhlola Amabhaca nama Xesibe ayaupanga lomhlaba u Rulumente aupe u Nota. Elasese lama Bhaca ka Nomtsheketshe, ati yekani umlungu yena ngumntu oteta' futi xasakileyo wobuye ausike umhlaba. Linjalo elapantsi, andilazanga elama Xesibe kodwa ayaka, ayakubela, ungaqonda ukuba ngumhlola kuba umntu omhlope ndisoloko ndamaziyo andimazeli kolohlobo mna.

Ndite ndakufika kwa Bhaca kwa Maka ula ndeva olunye udaba, lokuba akantsasana auvelele ngeqinga oka Makaula umhlaba. Ampata amehlo, asuke amnike iponti ezintlanu (£5) ngonyaka, aka- ngele indawo ezinamanzi, akupe imijelo ake izindlu zengxande zezitena ezitshileyo. Ndikumbula into endayixelelwa ngumfo wakwa Wezo, wati uti Umfundisi u Rev. John Ayli Mamfengu msani ukuqeshisa ngomhlaba ku mlungu, ngamawetu aniwazi nina; akauqashi ngo- wake. U Makaula uswele umvusi kuba namakolwa akona akalitati nelipepa liliso nomlomo wontsundu.(Nonyana wake u Mr. A. M. White akalitati—Ed. *Imvo.)* Akwaba ebengavukayo lomnumzana, avuke u Makaula kobobutongo. Omane esiti "Gudimane, Gudimane " kanti ayemka nawo. Afikile awendala kwelama Mpondo. Ati apiwe ngumniniwo. Yeha, Yeha Makaula ! Yeha Mampondo.

Ndingu

KOLONI.

# NATIVE OPINION

WEDNESDAY, JULY 27, 1887.

TheNative Question.

THOUGH very many questions more or less affecting our countrymen press for attention, there is one of absorbing interest which requires no apology for its re-introduction into this column. The Bill expressly accepted by a majority of the House to " purify " the Native off the electoral roll has been assented to by the representative of the Queen. It is law. While knowing full well that it was the intention of those most affected by the Act, to exercise their undoubted privilege of approaching the Throne of which they are the subjects, with a petition protesting against the injustice done them, his Excellency has affixed his signature, and put the seal upon the successful machinations of the Bond. This is Responsible Government. And we presume it is an illustration of the freer hand that was to be allowed the Colonial Government, about which SIR THOMAS UPINGTON told us upon his return from the London Conference. It seems a strange anomaly that those who are so affected should have the least say about the matter. Surely before the *closure* was put on by Sir HERCULES ROBINSON, our people might have been allowed the satisfaction of going to the fountain head, where the Constitution of the Cape originated, and placing their arguments before an unprejudiced tribunal before any finality was given to the obnoxious measure. The difficulty of the Native deputation to England — resolved upon by our Port Elizabeth friends, and supported by the influential meeting of Thursday – is largely increased, though their grievance is undoubtedly made the greater by that action. If the proceedings of Parliament as lately recorded, and the decision of the Governor are to be taken as prece-dents, we cannot see what is to prevent any powerful majority from erasing a minority altogether, and so permanently ensure their own stability. It was the possible veto of the Crown that we looked to as a safeguard, and in this it appears we were leaning on a broken reed. We suppose that the deputation agreed upon will still be sent, and in a week's time it will be possible to know if their departure will be absolutely necessary, for in that period Mr. HOFMEYR'S Bill will have been dealt with by Parliament. Our people would cheerfully accept that proposal—if carried in its full spirit —as some compensation for the wrong done them by the Disfranchisement Act, but it remains to be seen whether the Bond leader really means to do anything with the Removal of Natives Disabilities Bill or not. If it is simply a cunningly devised scheme to put us off the scent, then all the more reason will there be for a deputation to the Home Government. Agitation is the breath of political life, and it must be a watchword with us to prevent the " snuffing out " of the Native as a factor in the body politic.

# Editorial Notes.

THE editor of this paper having gone to Port Elizabeth in connection with the proposed deputation to England, we claim the consideration of our friends if there be any shortcoming in this issue.

THE meeting of natives reported in this issue was well attended, and unanimous in its desires. We wish that those who so eagerly affirm that Natives are in leading strings had been present. That is if seeing would be believing with them, but we much fear that it would not.

MR. HOFMEYR'S Bill, it is pretty well known, is to allow all natives who become registered voters to be free from the laws specially intended for the large mass of barbarians—at least this is the ostensible object; though some affirm that it is planned with the ulterior motive of allowing free trade in drink. We are not going to think so hardly of Mr. Hofmeyr, and seeing that the Bill distinctly recognises that natives may become in all legal respects equal to Europeans of the same status we cordially welcome it as a step in the direction of progress.

WE remind our readers of the Native concert in the Town Hall this evening at eight o'clock. A very good programme prepared.

KING WILLIAMSTOWN DIVISION

## NATIVE VIGILANCE ASSOCIATION.

Pursuant to notice, this society, which consists of representatives from the various native centres in this large district, held a public meeting at Mgqakwebe on Thursday evening last, to consider what steps to take in view of the total disfranchisement of natives under the misnamed Registration Bill.

Thomas Sambula was voted to the chair.

The discussion on the disfranchisement measure was opened by the reading of a letter from Capetown, intimating that the Bill will probably not be reserved for the Queen's assent. After the consideration of the probable operation of the measure as disclosed by the discassions in committee of the House on the various clauses, especially clause 17, it was felt that a blow had been struck at the rights of the natives.

Philip Mali asked who gave the natives these rights originally, and whether those who were depriving the natives of them had consulted those who gave them. It was explained that the rights were originally given the natives bv the British Government. Then, Mali said, according to Kafir precedents the mandate of Hintsa's Great Place could not be set aside by the courts of Ndlambe or Ngqika. There was always a course of appeal from the decision of Ndlambe's court to the court of Hintsa.

Klaas Mlonyeni feared that by appealing to the British Government they might bring about their complete enslaving by the Government at Capetown. Some of the speakers held that there was no worse slavery than disfranchisement, which leaves them perfectly defenceless from harsh legislation of whatever description, while others maintained that to appeal conveys no slighting of the local Government. It might if they went behind their backs, but they were taking an honest and straightforward position in saying distinctly to the Capetown authorities that they would abide by the decision of Hintsa (the British Government). Ultimately the following resolutions were agreed npon on the motion of Sonjica :—

" (1) That this meeting is of opinion that a petition requesting the Governor not to sanction the Registration Bill be sent."

" (2) That should our efforts by petitioning the Governor be unsuccessful, this meeting is of opinion that a deputation of about four natives should be sent to England, to lay our case before her Majesty's Government and the English people."

The following message, to be sent by telegraph to his Excellency the Governor, was approved by the meeting :—

"The natives of King Williamstown district would most respectfully request your Excellency not to sanction the Registration Bill now before Parliament. Petitions will follow."

It was also decided that in case it became necessary to send a deputation to England, the deputation should be entrusted with a petition from the natives of this country to the Queen.

Resolved that a subscription list be started, both among the white friends of the to all men equal rights, and among the natives to assist in carrying out these resolutions.

THE LIQUOR AREA.

The liquor areas question was also considered, and in view of the fact that a Select committee of the House is Bitting on the subject, it was decided to wire Mr. Vintcent, who is upon it, the conviction of the natives in the area that the real facts about their effectiveness can only be obtained from them.

The meeting was large and enthusiastic.

## GEO B. CHRISTIAN & CO.

KEEP WELL.ASSOSTED STOCKS OF

### Hardware and Ironmongery,

BUILDING MATERIAL,

### Groceries & Oilmen's Stores,

PAINTS, OILS. AND VARNISHES,
Pots—Kafir Hoes —Red Ochre—Cutlery, &c.—
for Native Trade.
ROUGH GOODS OF ALL KINDS.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

## Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

### BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

### CHARLES J. STIRK,

Umtengisi we Mpahla eyi Ntsimbi ayitengisa ingumqulu na nganye,

CHURCH SQUARE
E- RINI

Nalipina Iyeza olifunayo ungalifumana kwa

### E. W. WELLS,

Umpitikezi Wamayeza ne Opteki,
Bathurst Street, E-Rini,
Ugcina amayeza amatsha nalungileyo.

ELOBUTATAKA

Nezifo ezingcungcutekisayo.

Eyona ide yancama ukulunga yi

### Wells' Quinine and Iron Tonic

Ixabiso 2/9 ngebotile.

YIYANI KWA

### C. JAY & CO
E QONCE,

XA SUKUBA NIFUNA—
Izikonkwane—Into Zokusebenza
Imela neFolokwe
Ikoyi—Ikomityi ne Pleti
I Lampi

Kukwako imisesane YOKUTSHATA YE GOLIDE, neye NGEJI ETSHIPU.

### GIE BROTHERS,

Abatengi naba Tengisi bento Yonke.

UPELA kwesi Tora saba Ntsundu ngenene kule Dolopu yase TARKASTAD.

Zonke intlobo zezinto eziveliswa yi ntsebenzo yeli lizwe zitengwa ngamaxabiso pezulu kanye.

KWA G. WHITAKER, kwivenkile etengela nentwana ezincinane kuko, kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo, Umgubo, neswekile, njalo-njalo, njalo-

### ISISULU.

IMPAHLA ihleli yodwa ngase ntolongweni endala. Ingcawa, ilokwe, ibhulukwe, amahashi, inkomo. Yonke into oyifunayo Isisisulu ! Isisisulu ! e Qonce ukangele emarkeni.

## IMBIZO.

### IK0MITI ELILISO LOMZI ONTSUNDU.

AMALUNGU Ekomiti Eliliso Lomzi Ontsundu omele umandla wase Qonce—eyaqiniselwa kwintlanganiso eyayi Pantsi kwa Mahlati—imenyelwa entlanganisweni Emgqakwebe, kwa Mdingi, Ngolwesi-Ne ngokuhlwa 21 July 1887. Ukukangela *(a)* into emayenziwe mayelana nomteto otunga imilomo yabantsundu kwinto zolaulo. Kuyakuleswa kulontlanganiso nencwadi yo Mhlekazi Iruluneli epatelele kwakulowo mteto; *(b)* kwanento emayenziwe ukuba uluvo lomzi lube nokuvakaliswa Ekomitini ye Palamente esand' ukumiselwa ukupicota ingxoxo yokuvulwa kwanokwandiswa kwenqila zotywala ebisingetwe yi Palamente. *(c)* Nezinye izinto ezibonwayo ngamalungu Ekomiti ziva kusingatwa.

J. TENGO-JABAVU,
Ummemi-Komiti.

13 July, 1887.

### M. KEEVY & CO.,

KWA NGOMTI,
*E-Bhulorweni nase Durban Street.*

Ngoku bazilungiselele ukurola awona maxabiso makulu
*Ngoboya, Nesikumba, Zenkomo, Nesebhokwe, Nezegusha.*

Kanjako barola awona maxabiso apezulu ngokutya nezinye izinto ezitengisayo. Kuledolopu yeyona ndlu ine Ngcawa Nengubo zokunxiba ezitshipu nayo yonke into.

### J. G. NICHOLSON,

*Igqweta elise zincwadini zakomkulu nomteteleli wama Fandesi,*

E-NGQUSHWA.

Ulungisa amafa. Uguqula amagatna e Tayitile. Uquka izi kweliti zi Bhatalwe kwa ngoku.

Yonke into ayi patisisweyo ifezwa ngokukauleza.
*Uli Gosa le Colonial Mutual Life Assurance Society.*

### HARTIGAN & CASEY,

Abatengisi bempahla ngempahla.

BAHLALA batengisa impahla ehambayo kanye ngenyanga e Mtonjeni nase Balini. Yonke imiso emva kwe malike batengisa impahla ehambayo nokuba yekabanina. Ubani uyinikwa emva komsito imali.

E Qonce, 20 July, 1886.

### Imvumo E Town Hall.

KUYAKUBAKO umvumo wabantsundu base Mdizeui e Town Hall yase Qonce, ngolwesi-Tatu oluzayo ngokuhlwa (27 July), ukuncedisa ukwakiwa kwendlu ye Tyalike yase Mdizeni. Ixabiso lokungena 1s.
20 July 1887.

ALFRED SOLILO,
Umpati-Mvumo.

## Kwabo bafuna Into ezintsha ezintle !

Buzani kuzo zonke ivenkile enimelene nazo impahla engaba ziyi tunyelwa sisitora sakwa

## Aluveni, esise Qonce

YIYANI NONKE UKUYA KUBONA
INGUBO
IMINQWAZI
IHEMPE
IZIHLANGU
IZIKAFU NEZIGUBUNGELO
ITYALI
IPRINTI
IZITOFU ZOZUNXIBA

Nezinye into ezininzi kakulu ukuba zikankanywe.

Indlu eseitunyelwa kuzo lempahla zezo

YUZI .. Egcuwa
Nakwa-Ndabakazi
HEDENI .. Emtata

Kuzakuvulwa ivenkile eyofunyanwa kuyo impahla epuma kwisitora sakwa Aluveni ku Lubisi Ebatenjini (Southey-

Into yonke etengiswa kwezindawo itshipu intle kanye.

Kunikwa amaxabiso alungileyo kanye kwezindawo zikankanyiweyo ngayo yonke into etengiswayo ngabantsundu enjengokudla, nezikumba njalo njalo.

JOHN J. IRVINE & CO.

## JOHN J. IRVINE & CO.,

### ISITORA ESITSHA,

Sengubo nobu Qeleqele
beza Mankazana
E QONCE!

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, *1/6*
Ibhulukwe ze Kodi, 5/-
Eze Twidi ibhulukwe, 4/-
Ibatyi ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6
Eze Twidi i Suti, 16/9
Ikeleko, 2 1/2d.
I Printi (intlobo ezintsha) 3d.
I Linzi, 3 1/2d.
Ityali ezimnyama, 2/-

Akalizanga libekho elinje icam!

## U BOYA

Zisheleni ezimbini ngeponti.

### W. O. CARTER & CO.

Basanduluku fikelwa zezimpahl™zixelwa □gase zantsi apa :—

I-BLANKETE
Zabantu base sikolweni.

I-BLANKETE
Zama xegokazi.

I-BLANKETE
Zama xego kuba kaloku ezintlobo zombi, ni zabantu kufuneka zigcinwe fudumeleyo ngobu busika.

I-BLANKETE
Zama dodana.

I-BLANKETE
Zomtinjana.

I-BLANKETE
Zaba sebe zakutshata.

I-BLANKETE
Zaba sanduku tshata, Ukuqaula inteto singati i Blankets ziyalala ezifanele nabanina, ezifanele bonke, zitengiswa tshipu kakulu. Kwenzelwa elixesha loboya kwa

### W. O. CARTER & CO.
E-QONCE.

### Amayeza ka Cook Abantsnndu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

COOK — Elika lyeza Lesisu Nokuxaxazo. 1/6 ibotile.
COOK — Elika lyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.
**COOK** — Aka Amafuta Zzilonda Nokwekwe. 9d. ibotile.
Elika lyeza Lepalo. 1/6 ibotile.
**COOK** — Ezika Ipils. 1/ ngebokisana.
**COOK** — Eka Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile..
COOK — Oka Umciza Westepu Sabantwana. 6d ngebotile.
Oka Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.
COOK — Oka Umciza we Cesine. 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu
COOK

### G. E. COOK, Chemist,
E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

### W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedis a, abafuna nkutenga nokutengisa,
*e-Town Hall, Kwisitora esinga pantsi* esesitatu, *No.* 3, *Kwinkundla ye marike,* E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Mazimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

*Impahla zamkelwa nguye azitumele kumacalana onke e.Koloni.*
Unombona omhle kunene ovela pesheya kwe Nciba awutengisa tshipu kanye.

### W. J. DEALY

UTENGA Umbona, na Mazimba. Nokuba kuninzi ngalupina uhlobo okokutya uya kuku rolela ixabiso elipezulu kanye lase Markeni, e-Qonce.

### GEORGE GIE,

I-rente yo Mhlaba,no Mteto noku Tengisa,
GREY STREET, TARKASTAD.

IZIKWELITI uzibuta ngoku kauleza, inikwe umniniyo kwa oko.

Onke amatyala aba ntsundu etetelwa ngemali encinane kakulu.
Uli Gosa le South British Fire Insurance Company of New Zealand.

Lishicilelelwa umninilo, u JOHN TENGO-JABAVU ngu HAY BROTHERS, Smith Street, King William's Town